*(English text signed by the President)*
*(Assented to 14 January 2022)*

# ACT

**To amend the Division of Revenue Act, 2021, in accordance with the Money Bills and Related Matters Act, 2009; and to provide for matters connected therewith.**

## PREAMBLE

**WHEREAS** section 214(1) of the Constitution of the Republic of South Africa, 1996, requires an Act of Parliament to provide for—

*(a)* the equitable division of revenue raised nationally among the national, provincial and local spheres of government;

*(b)* the determination of each province's equitable share of the provincial share of that revenue; and

*(c)* any other allocations to provinces, local government or municipalities from the national government's share of that revenue, and any conditions on which those allocations may be made;

**WHEREAS** the Division of Revenue Act, 2021 (Act No. 9 of 2021), gives effect to section 214(1) of the Constitution in respect of the 2021/22 financial year;

**AND WHEREAS** section 12(4) of the Money Bills and Related Matters Act, 2009 (Act No. 9 of 2009), requires the Minister of Finance to table a Division of Revenue Amendment Bill with a revised fiscal framework if the adjustments budget effects changes to the Division of Revenue Act for the relevant year,

**B**E IT THEREFORE ENACTED by the Parliament of the Republic of South Africa, as follows:—

**Substitution of Column A of Schedules 1 and 2, Part B of Schedule 5 and Parts A and B of Schedule 6 to Act 9 of 2021**

**1.** (1) Column A of Schedule 1 to this Act is hereby substituted for Column A of Schedule 1 to the principal Act, setting out the equitable division of revenue raised nationally among the national, provincial and local spheres of government for the 2021/22 financial year.

(2) Column A of Schedule 2 to this Act is hereby substituted for Column A of Schedule 2 to the principal Act, setting out the determination of each provincial sphere's equitable share of the provincial sphere's share of revenue raised nationally for the 2021/22 financial year.

(3) Column A of Part B of Schedule 5 to this Act is hereby substituted for Column A of Part B of Schedule 5 to the principal Act, specifying the specific-purpose allocations to municipalities for the 2021/22 financial year.

(4) Column A of Part A of Schedule 6 to this Act is hereby substituted for Column A of Part A of Schedule 6 to the principal Act, specifying the allocations-in-kind to provinces for designated special programmes for the 2021/22 financial year.

This gazette is also available free online at **www.gpwonline.co.za**

*(English text signed by the President)*
*(Assented to 14 January 2022)*

# UMTHETHO

**Injongo kukwenza utshintsho kuMthetho Wokwahlulwa-hlulwa Kwengeniso, ka-2021, ngokuvumelana ne*Money Bils and Related Matters Act* ka-2009; nokulungiselela imicimbi enxibelelene noku.**

**INTSHAYELELO**

**NJENGOKO** icandelo 214(1) loMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi-Afrika lifuna ukuba uMthetho wePalamente uthethe—

*(a)* ngokwahlulwa-hlulwa okwanelisayo kwengeniso eqokelelwe elizweni lonke kumanqanaba karhulumente welizwe, koorhulumente bamaphondo nakoorhulumente basekuhlaleni;
*(b)* ngokuqingqwa kwesabelo esanelisayo sephondo ngalinye kwisabelo sephondo saloo ngeniso;
*(c)* nangazo zonke ezinye izabelo-mali eziya kumaphondo, kurhulumente wasekuhlaleni okanye koomasipala zisuka kwisabelo sikarhulumente welizwe lonke saloo ngeniso, kwakunye nemiqathango ezinokuthi zenziwe ngayo ezo zabelo-mali;

**NJENGOKO** uMthetho Wokwahlulwa-hlulwa Kwengeniso 9 ka-2021 uphumeza icandelo 214(1) loMgaqo-siseko malunga nonyaka-mali ka-2021/22;

**NANJENGOKO** icandelo 12(4) le*Money Bills and Related Matters Act* 9 ka-2009 lifunisa ukuba uMphathiswa Wezimali athi thaca uMthetho Oyilwayo Wokwenza Utshintsho Ekwahlulwa-hlulweni Kwengeniso ukuba uhlengahlengiso kulwabiwo-mali luchaphazela utshintsho kuMthetho Wokwahlulwa-hlulwa Kwengeniso kunyaka lowo,

NGOKO KE KUQULUNQWA umthetho yiPalamente yeRiphablikhi yoMzantsi-Afrika ngale ndlela ilandelayo:—

**Kufakelwa uMhlathi A weShedyuli 1 neyesi-2, iNxalenye B yeShedyuli 5 nenxalenye A no-B yeShedyuli 6 yoMthetho 9 ka-2021**

**1.** (1) Indawo yoMhlathi A weShedyuli 1 yoMthetho ekwaqalwa ngawo ithatyathwa nguMhlathi A weShedyuli 1 yalo Mthetho, kuxelwa ukwahlulwa-hlulwa okwanelisayo kwengeniso eqokelelwe elizweni lonke kumanqanaba oorhulumente owelizwe, nabamaphondo, nabasekuhlaleni kungowonyaka-mali ka-2021/22.

(2) Indawo yoMhlathi A weShedyuli 2 yoMthetho ekwaqalwa ngawo ithatyathwa nguMhlathi A weShedyuli 2 yalo Mthetho, kuxelwa ukuqingqwa kwesabelo esanelisayo ngasinye senqanaba lephondo sesabelo sengeniso sephondo eqokelelwe elizweni lonke isesonyaka-mali ka-2021/22.

(3) Indawo yoMhlathi A weNxalenye B yeShedyuli 5 yoMthetho ekwaqalwa ngawo ithatyathwa nguMhlathi A weNxalenye B yeShedyuli 5 yalo Mthetho, kuxelwa izabelo-mali zenjongo ekhethekileyo eziya koomasipala izezonyaka-mali ka-2021/22.

(4) Indawo yoMhlathi A weNxalenye A yeShedyuli 6 yoMthetho ekwaqalwa ngawo ithatyathwa nguMhlathi A weNxalenye A yeShedyuli 6 yalo Mthetho, kuxelwa izabelo ezingeyomali eziya kumaphondo izezamaphulo akhethekileyo awalathiweyo onyaka-mali ka-2021/22.

(5) Column A of Part B of Schedule 6 to this Act is hereby substituted for Column A of Part B of Schedule 6 to the principal Act, specifying the allocations-in-kind to municipalities for designated special programmes for the 2021/22 financial year.

**Substitution of Part A of Schedule 5 to Act 9 of 2021**

**2.** Part A of Schedule 5 to this Act is hereby substituted for Part A of Schedule 5 to the principal Act, specifying the specific-purpose allocations to provinces.

**Short title**

**3.** This Act is called the Division of Revenue Amendment Act, 2021.

This gazette is also available free online at **www.gpwonline.co.za**

(5) Indawo yoMhlathi A weNxalenye B yeShedyuli 6 yoMthetho ekwaqalwa ngawo ithatyathwa nguMhlathi A weNxalenye B yeShedyuli 6 yalo Mthetho, kuxelwa izabelo ezingeyomali eziya koomasipala izezamaphulo akhethekileyo awalathiweyo onyaka-mali ka-2021/22.

**Kufakelwa iNxalenye A yeShedyuli 5 yoMthetho 9 ka-2021**

**2.** Indawo yeNxalenye A yeShedyuli 5 yoMthetho ekwaqalwa ngawo ithatyathwa yiNxalenye A yeShedyuli 5 yalo Mthetho, kuxelwa izabelo-mali zenjongo ekhethekileyo eziya kumaphondo.

**Igama lawo**

**3.** Lo Mthetho ubizwa ngokuba nguMthethio Wokwenza Utshintsho Ekwahlulwa-hlulweni Kwengeniso, ka-2021.